
# IINDLELA EZIMBINI



## UKUKHETHA INDLELA.

Xa siqala ukuya endaweni esingazange siye kuyo, siye sibuze ukuba yiyiphi na indlela esifanele ukuhamba ngayo. Sakuba siyifumene, sihamba sivule amehlo ukuze sithi sakuphawula ukuba sihambe ngandlela imbi, kwa ngoko sibuyele emva sifune eyona ndlela ilungileyo.

Yonke imihla mna nawe sisendleleni sihamba uhambo oluyakusoloko lukho naphakade, kwaye xa sele siphambili akukho ndlela yakuba sibuyele emva. Uyazazi na apho uya khona?

## INDLELA ESALATHISA INDLELA ELUNGILEYO.

Ngenxa yothando lwakhe nenceba yakhe uThixo usinike incwadi, iBayibile, es̈alathisayo indlela elungileyo, isibonisa ngokucacileyo indlela eya ezulwini. Zonke izifundo ezikweliphepha zikhutshwe eBayibileni. "Lisisibane seenyawo zam ilizwi lakho" (Iindumiso 119:105).

## INDLELA EBANZI.

Baninzi abantu abahamba ngalendlela. "Libanzi isango iphangalele nendlela esa entshabalalweni baninzi ke abangena ngalo" (Mateyu 7:13). Uninzi lwabo luhamba ngamehlo avaliweyo. Abazi okanye abakhathali noxa besendleleni esa entshabalalweni. "Kukho indlela ethe tye phambi komntu, ukanti ukuphela kwayo ziindlela zokufa" (Imizekeliso 14:12). "Uthixo weliphakade uthe wazimfamekisa ngaphakathi kwabo iingqiqo zabangakholwayo" (II AbaseKorinte 4:4).

## IMITHWALO.

Abantu abahamba ngalendlela basindwa **sisono**. "Kuba **bonile bonke, basilelela** eluzukweni lukaThixo" (AbaseRoma 3:23). Asikwazi kufihla nokuba sibe sinye isono phambi kukaThixo. "Ngokuba umntu ukhangela umphandle, uYehova ukhangela intliziyo" (I Samuweli 16:7). **Imithwalo ibotshelelwe emihlana yabo.** Mna nawe asingeze sibe nakho ukususa nasinye isono ngamandla ethu. Umthwalo uya usiba nzima nje ngokuba ixesha lihamba, ibe ke "umvuzo wesono kukufa" (AbaseRoma 6:23).

## UMLILO.

Nje ngokuba uThixo engcwele elungile, isono simelwe kukohlwaywa. ILizwi likaThixo lisixelela ukuba kukho isihogo, indawo yokohlwaywa naphakade kwabo bangayenziyo intando kaThixo. Ithi iBayibile, "Bayakubuyela kwelabafileyo abangendawo, kwa, iintlanga zonke ezimlibalayo uThixo" (Iindumiso 9:17). Akutshiwo ukuba uyakuthi ukuze uye khona ube mbi kakhulu, hayi, nabo bonke abamlibalayo uThixo. Noxa kunjalo uThixo nguThixo wothando "akangi kungatshabalala nabani unga bonke bangasinga enguqukweni" (II Petros 3:9). Ngalo uthando nenceba yakhe **wenze indlela yokusinda kwaabo bayifunayo. Uyathanda na ukuyifumana indlela yobomi**?

## INDLELA YOBOMI: UMSINDISI.

Nje ngokuba singenakho ukuzikhulula ezonweni zethu, nangona singenakho ukubaleka isigwebo sezono zethu, **uThixo usinike uMsindisi.** "Kuba weenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali koko babe nobomi obungunaphakade" (Yohane 3:16). UThixo uBawo osemazulwini, uthumele uNyana wakhe okuphela kwakhe, iNkosi uYesu Krestu, wehla ezulwini weza emhlabeni, waphila nje ngomntu, kodwa akazange asenze isono. Wayehamba esenza okulungileyo: ephilisa abagulayo, ehlambulula abaneqhenqa, ekhupha iidemoni, exolela aboni abaguqukayo efundisa abantu ngoThixo.

Unobangela wokuba aphile emhlabeni nje ngomntu yayikukuba aze abe ngumnikelo wethu sonke, enikela ngobomi bakhe obungcwele, obungenasono, waphalaza igazi lakhe elixabisekileyo ngenxa yezono zethu. Wavuma ukuba abantu abakhohlakeleyo bamthabathe, bambetha wada umqolo wakhe wanemivumbo enegazi, babeka isitsaba sameva entloko yakhe, baza ekugqibeleni bambethelela ngezandla neenyawo emnqamlezweni, apho wajinga khona kabuhlungu. "Owathi ngokwakhe izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emthini" (I Petros 2:24). Wandifela, wakufela nawe.

## UVUKO LWAKHE.

Emva kweentsuku ezintathu uYesu Krestu wavuka kwabafileyo. Wayehamba ethetha nabafundi bakhe, waze emva kweentsuku ezimashumi mane wenyukela ezulwini, apho ahleli khona ngasekunene kukaThixo engumSindisi ophilayo enawo onke amandla ezulwini nasemhlabeni. (Mateyu 28:18). "Ngoko unakho nokubasindisa kanye aabo bezayo ngaye kuThixo ehlala ehleli nje ukuba abathethelele" (KumaHebere 7:25).

## IZULU

Izulu yindawo ahlala kuyo uThixo enabo bonke ubuqaqawuli bakhe. Wathi uYesu iNkosi yethu, "Ndiyakunilungiselela, ukuba ke ndimkile ndaya kunilungiselela indawo ndiya kubuya ndize ndinamkelele kum ngokwam ukuze apho ndikhona mna nibe khona nani" (Yohane 14:2-3). "Yindawo emangalisayo apho khona uThixo avakusula iinyembezi emehlweni abo, kungabi saba kho ukufa, kungabi saba kho nasijwili, nakukhala nantlungu, ngokuba izinto zokuqala zigqithile", Akuyi kuba kho busuku khona kuba iNkosi uThixo ibanika ukukhanya" (Isityhilelo 21:4; 22:5). Yindawo engcwele. "Akusayi kungena kuwo nanye into eyenza inqambi, eyenza isikizi nobuxoki, abaya kungena ngaabo bodwa babalwe eNcwadini yobomi yemVana" (Isityhilelo 21:27).

**Inye kuphela indlela** eya ezulwini. INkosi uYesu wathi, **"Ndim indlela,** ndim inyaniso, ndim ubomi: **Akukho namnye uzayo kuBawo engezi ngam"** (Yohane 14:6). **Kananjalo usindiso alukho kuwumbi** kuba akukho **gama limbi** phantsi kwezulu linikiweyo phakathi kwabantu esimele ukusindiswa ngalo" (Izenzo 4:12).

## SINGANGENA NJANI KWINDLELA EYA EZULWINI?

1. **"Guqukani nikholwe kuzo iindaba ezilungileyo"** (Marko 1:15). Ukuguquka kukusuka esonweni ngentliziyo epheleleyo siye kuThixo.
2. **Yiza kwiNkosi uYesu Krestu** ngomthandazo, uze unjalo unomthwalo wakho wezono, umcele ukuba akuxolele. Uthi, "Ozayo kum andisayi kukha ndimlahlele phandle" (Yohane 6:37). Yizani kum nonke nina nibulalekayo, nisindwayo ngumthwalo, ndoninika ukuphumla. (Mateyu 11:28).
3. **Themba ukuba nguKrestu kuphela oyakukusindisa.** "Igazi lika Yesu Krestu lisihlambulula kuso **sonke** isono" (I Yohane 1:7).
4. **Uyakukunika ubomi obutsha . . . . ubomi obungunaphakade.** Wathi uKrestu, "Lowo ulivayo ilizwi lam akholwe ngulowo wandithumayo **unobomi obungunaphakade**, akezi ekugwetyweni, uphume ekufeni wangena ebomini" (Yohane 5:24). "Ngoko ke ukuba ubani ukuKrestu, usisidalwa esitsha, izinto ezindala zidlulu, bonani ke zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe" (II Korinte 5:17).
5. Uyakuba noxolo nokuqinisekiswa "Ngoko sigwetyelwe nje ngokwaselukholweni, sinoxolo kuThixo ngayo iNkosi yethu uYesu Krestu" (AbaseRoma 5:1).

"Bubo obu ke ubunqhina, ukuba uThixo usinike ubomi obungunaphakade, baye obobomi bokuye uNyana wakhe. Lowo unaye uNyana, **unabo ubomi,** lowo ungenaye uNyana kaThixo, **akanabo ubomi.** Ndinibalele ezizinto nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, **ukuze NAZI ukuba ninobomi obungunaphakade"** (I Yohane 5:11-13).

## INDLELA YOKUPHILA OBOBOMI BUTSHA.

1. **Funda iBayibile yonke imihla.** Nangaphandle kokuba isisibane endleleni yethu, ikukutya emoyeni. "Walangazeleleni ngokweentsana ezisandula ukuzalwa amasi angawelizwi" (I Petros 2:2). Nje ngokuba ufunda cela uThixo kuba akukhokęle akukhanyisele ngoMoya wakhe Oyingcwele.

2. **Sondela kuThixo ngomthandazo yonke imihla,** uthandaza egameni likaJesu. "Ningaxhaleli nto, ma zithi iingcelo zenu ezintweni zonke ngakho ukuthandaza nokukhunga, ndawo nye nokubulela, zaziswe kuye uThixo. Lwaye uxolo lukaThixo olugqithisele kuko konke ukuqonda luya kuzigcina iintliziyo zenu neengqiqo zenu kuKrestu Yesu" (AbaseFilipi 4:6-7).

3. **Thetha okanye xelela abanye ngoKrestu.** "Hamba uye endlwini yakho kwabakowenu ubabikele oko zingako ukuba zinkulu izinto ekwenzele zona iNkosi" (Marko 5:19).

4. **Xa usemlingweni biza iNkosi.** "Kuba ekubeni eve ubunzima ehendiwe naye ngokwakhe, unakho ukubasiza abahendwayo" (KumaHebere 2:18).

5. **Ukuba uwele esonweni khawuleza usixele kuThixo.** "Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile ulilungisa ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kukho konke ukungalungisi" (I Yohane 1:9).

6. **Zama ukuba ngalo lonke ixesha ube nabanye abazalwane eNkosini.** "Nguwo lo umthetho wam, wokuba nithandane, nje ngoko ndanithandayo nina" (Yohane 15:12).

7. **Yenza intando kaThixo maxa onke.** "Ukuba umntu uyandithanda, woligcina ilizwi lam." (Yohane 14:23).

8. **Musa ukoyika kuba uKrestu unawe.** "Andiyi kukha ndikuyekele, wabuya wathi, andiyi kukha ndikushiye" (KumaHebere 13:5).

9. **Zinikele ngokupheleleyo kwiNkosi uYesu Krestu.** Mvumele akhokele ubomi bakho ngokwentando yakhe. Ngalendlela uyakufumana uvuyo lwenene.

**INkosi uYesu Krestu nguye YEDWA UMSINDISI waye engumsindisi OPHELELEYO. Yena UKUKUPHELA kwento oyisweleyo.**

---

Kindly write to us if you are able to assist us with further translations of our free Gospel literature, informing us of the language into which you could translate this Gospel literature. Your assistance would be appreciated.

If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:

**E-MAIL: info@angp.co.za**

**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**

**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)